



XHOSA

BUDGET 2013

Eli phepha lipapashwe ngokubambisana phakathi kwa bakwa-National Treasury nabakwa- South African Revenue Service

UMKHOMBANDLELA WOLUNTU

**YINTONI UHLAHLO-
LWABIWO MALI** ?

Rhoqo ngeyoMduba, uMphathiswa weZemali ubhengeza uhlahlo-lwabiwo mali lukaRhulumente olubandakanya indlela uRhulumente azakusebenzisa ngayo imali, irhafu kanye nendlela azakuboleka imali ngayo kwiminyaka emithathu ezayo. Olu lwabiwo mali lukazwelonke lucacisa indlela ezakwabiwa ngayo imali phakathi kwamangaba kaRhulumente, ukususela kuzwelonke, amaphondo nomkhandlu-dolopha.

ISSUED BY:
National Treasury: Tel, (012) 315 5757
SARS: Tel, (012) 422 6127
www.treasury.gov.za | www.sars.gov.za



UTYALO-MALI KWIZIBONELELO EZILULUTHO NGU- NDOQO KUPHUCULO LOKUHANJISWA KWEENKONZO



Kuleminyaka mithathu izayo,
urhulumente uceba ukutyal
imali engange R827 bhiliyon
esakha okanye ephucula
izibonelelo ezilulutho, ukuze aphucule
ukuhanjiswa okanye ukufikeleka
kwenkonzo nto leyo iyakuthi iphuhlise
ugogosho.

Okukutyalwa kwemali kuya kwenza into yokuba iinkonzo zezempiro, izikolo, amanzi, ezangasese, izindlu kunye nombane zifikeleleke kangangoko kubantu boMzantsi Afrika. Okunye, utyalo-mali olubhekisele ekwakhiwi kwezikhululo zeenqanawe nezoololiwe, iindlela, amaziko ombane, izibhedlele, izikolo namadami kuyakuthi kupuhhlise uqoqosho. Uninzi lwalemali luzakutyalwa kwizibonelelo ezelulutho lusezakwenziswa lishishini lombani u-Eskom, ezakuthi ityale imali engange R205.1 bhiliyonu kuleminyaka mithathu izayo. Kulindeleke ukuba izitishi zombane ezintsha zakwaEskom i-Medupi ne-Kusile ziqale ukukhupha umbane ngo2014 nango2015.

URhulumente uzakusebenzisa
i-R32.9 bhiliyon i kwiminyaka emithathu ezayo
ukuze kulungiswe iindlela zelizwelonke zize
zibe zezo zikhuselekileyo. Ngaphezu koko,
enye engange-R27.6 bhiliyon ibekelwe
iindlela zamaphondo. Kananjalo, urhulumente
ubeke bucala iR2 bhiliyon ukuze kulungiswe
iindlela ezisetyenziselwa ukuthutha amalahle
asuka emigodini esiva kwizitishi zika-Eskom

Okukutyalwa kwemali
kuya kwenza into
yokuba iinkonzo
zezempiло, izikolo,
amanzi, ezangasese,
izindlu kunye
nombane zifikeleleke
kangangoko kubantu
boMzantsi Afrika

ezikwiphondo lase Mpumalanga.

Urhulumente uzakutyala imali kulwakhwiwo
Iwamadami ukuze abantu boMzantsi Afrika
bakwazi ukufumana amanzi acocekileyo,
nalawo asetyenziselwa kwiinkonzo zangasese,
nto leyo ingundoqo kwimpilo zabantu.
Ngaphaya kokulungisa amadame angu-25
kuzwelonke, urhulumente uzakuthi akhe
amanye amadami amatsha ayi-7 aze andise
umthamo wamadami ase Hazelmere,
Clanwilliams, Tzaneen naseNwamitwa. Ngapha
koko, urhulumente uzakusebenzisa
iR150 miliyoni uku Coca amanzi angcoliswe
Amanzi.

URhulumente uzimisele ekunikiseni ngezindlu
kwabo banomvuzo ophantsi. Ngoko ke,
urhulumente ubeke bucala iR3 bhiliyon
kuleminvaka mithathu izayo ukuze kwakhiwe

Izindlu (ezizakuqashwa ezidolphini).
I-R30.3 bhiliyon ikekwe ukuthi izokunyusa
umgangatho wezindlu ezifana namatyotyombi
ezidolphini kwaye i-R1.1 bhiliyon ikekwe
ukupuhulisa idolophu ezinemiqodi.

Kuleminyaka mithathu izayo, uRhulumente uzakusebenzisa i-R8 bhiliyon ephucula izikolo eziyi-496 ezingekho mgangathweni (eziyi-395 izezodaka), afake amanzi kwizikolo eziyi-1 257, alungise ezangasese ezikolweni eziyi-868 kwaye afake umbane kwizikolo eziyi-878. Lonke olutyalo-mali luhambelana nondoqo we-National Development Plan wokuba zonke izikolo zibesemgangathweni obekiwevo noncomekavo ngo 2016.

URhulumente uthewabeka bucala
i-R23.9 bhiliyoniyenkqubo yokuphucula
izibonelelo ezilulutho kwezemfundo ukuze
kwakhiwe okanye kuphuculwe ezozibonelelo
kumaphondo ngamaphondo. I-R6.5 bhiliyoniy
yona izakusetyenziswa kulwakhiwo lwamaziko
emfundo enomsila amabini kumaphondo
aseMpumalanga nakuMntla Koloni, kune
nokuphuculwa kwenkonzo ezbibekiswe
kubafundi nabasebenzi abakhubazekileyo
kumaziko emfundo enomsila akhovo.

URhulumente uzakuqhubekeka etyala imali kwizibonelelo ezelulutho zempilo. Umzekelo, kule mali engange -R29.5 bhiliyon iebekelwe bucala uninzi lwayo lohlulelw amasebe ezempilo kumaphondo ngamaphondo kuphuculwe izibhedlele zedolophu ezincinci

IBHOLORHO YASE NEWCASTLE YENZE KWABANGCONO EBANTWINI

Phambi kokwakhiwa kwebholorho entsha e-Newcastle, u**SIBONGILE SERIBE** wayesebenzisa iR20 ngosuku ukuya nokubuya emsebenzini. Khona ngoku, uyazihambela ngenyawo ukuya emashishinini. "Kuthatha imizuzu eyi-15 nje kuphela. Kwaye xa ndisebenza ebusuku, izibane zayo ziyigcina ikhuselekile," utsho uSibongile. Le bholorho intsha kraca idibanise ilokishi nedolophu kwaye ilunyusile uqoqosho ngoba amaxabiso ezithuthi zikawonke-wonke ehlide. Umqhubi-taxi u**SIPHO MLOTSHWA** uthi indlela endala yayisoloko igcwele kwaye ineengozi. "Kukho amajiko-jiko phezulu phaya awayethanda ukwenza iingozi. Eyona ngozi imasikizi yenzeka ngo-1997, apho kwaitshona abantwana besikolo abayi-33, xa yathi ibhasi yabo yangquzulana nesigadla." Le bholorho yakhiwe kulendawo yalongozi kwaye abahlali bayibize ukuba yiBholorho ka-Asiphephe, ethetha ukuba sikhuselekile.



1. Umyalezo kamphathiswa
 2. Ukuphelisa intlupheko



1. linkonzo zempilo ezisemgangathweni
 2. Iphuma phi le mali?
 3. Izakusetvenziswa pianin



1. Umninyiva werhafu kwaba-phangelayo
 2. Intela ehlongozwayo
 3. Imali vezentlalakable



UMYALEZO KAMPHATHISWA

UKUPHELISWA KWENTLUPHEKO NOKUNGALINGANI

BAHLALI BOMZANTSİ AFRICA

UMzantsi Afrika unenkqubo azibophelele kuyo yokutshintsha uqoqosho Iweli enokuthi iphelise intswela-ngqesho, intlupheko nokungalingani. Ukuze le nkqubo iphumelele kufanele singuzwelonke sizimisele ekuyiphumezeni, singathethi nje ngeengxaki zethu okanye size nje namacebo okuzilungisa kodwa sibemaxhaphetshu, sisebenzela ukukhulisa nokupuhuhlisa uMzantsi Afrika.

Mandicaphule uMongameli uJacob Zuma xa esithi kwintetho yakhe yesizwe, isiCwangciso sokuphuhlisa iSizwe (National Development plan (NDP) "singumkhombandlela oya kuloMzantsi Afrika apho bonke bayakuba namanzi, umbane, iinkonzo zangasese, imisebenzi, izindlu, ezothutho, ukutya okunesondlo, imfundo, intlalontle, iinkonzo zempilo ezsengangathweni, ezemidlalo nokuzivolisa kunve nendawo ezicocekileyo."

Mandiphinde, lenkqubo ye-NDP idwelisa
izinto ezintandathu ekufanele siionganane nazoz

- Ukumanya bonke abemi boMzantsi Afrika ngenkubo ebachaphazela bonke ukufikelela kwimpumelelo nokulingana;
 - Ukukhuthaza abantu beli ukuba bazibandakanye ekomelezeni uphuhliso, intando yesinanzi nokufuna ingxelo kuRhulumente malunga neekqubo zakhe;
 - Ukuveza ukukhula okukhawulezayo koqoqosho, utyalo-mali oluphezulu nokwanda kwamathuba engqesho;
 - Ukuqwaliasela kwizakhono ezibalulekileyo zoluntu nezelizwe;
 - Ukwakha uRhulumente onolwazi nesakhono sokuphatha nokukhkhela eli ukuya empuncukweni nempuhliso;
 - Ukukhuthaza ubunkokheli obuluqilima kuluntu lumphela ukuze lusebenzisane ekusombululenji iingxaki zeli.

Inkqubela ebonakalyo nokufezekiswa kwezizinto zidweliswe ngentl' apha iyakufuna into yokuba senze izinto ngokwahlukileyo. Kufanele ukuba sijongane neengxaki zethu ngokuzimisela nangokuzithemba. Ukuba singathi sibambane, sisebenzisane, sihlangane neziphiwo nezakhono zethu, sonke singabantu beli, singathi sikwazi ukuzibona sesinoqoqosho olukwizinga eliphezulu kwaye sonke singabantu beli, singanobomi obusemgangathweni. Singayinciphisa intlupheko sikhulise namathuba emisebenzi kweli.

Pravin Gadhia



Phantse ipesenti ezingama-60
kwimali esetyenziswa
ngurhulumente, iya kwiinkonzo
zempilo, ezemfundo, izindlu,
ezothutho nezamihla le. Oku
kubonakalisa indlela urhulumente
azimisele ngayo ukucutha intlupheko
nokungalingani kwabantu.

Eyona ndlela ecacileyo yokulwa intlupheko, yinkqubo yokubonelela uluntu ngezentlalo-ntle. Kunyaka ka 2013/14, le nkqubo yabelwe imali engange R113 bhiliyon, ezakunyuka iyokutsho kwi R129.5 bhiliyon ngo 2015/16. Inani labo bafumana indodla lizakunyuka ukusuka kwi-16.1 miliyoni ngo 2012/13 liye kutsho kwi-17.2 miliyoni ngo 2015/16.

URhulumente uzakuthi andise inani lezikolo ezingabhattalelwayo andise nenani labafundi abatyiswayo ezikolweni ukuze anciphise ukungalingani nentlupheko. Kulonyaka uphelileyo, ipesenti ezingama-70 zabafundi kwizikolo eziyi-20 688 azikhange zisibhatalele isikolo, kwaye abafundi abayi 8.8 miliyoni bebetyiswa mihla le esikolweni. Kuleminyaka mithathu izayo, injongo iyakuba kukuphucula ukutya oko abafundi bakufumanayo.

URhulumente ukwanikisa nangenkonza zemihla ngemihla ngaphandle kwenzuzo. Ezinkonzo zomkhandlu-dolopha zizakudla imali engange - R28 bhiliyon i ngo 2013/14. Ukubalwa kwabantu ngo -2011 kubonakalise ukuba i- 36 pesenti yabantu inawo amanzi acoekileyo, i-26 pesenti inawo umbane wamahala ne-23 pesenti inazo iinkonzo zangasese. Ngaphezu koku.

•••••••
Eyona ndlela
ecacileyo
yokulwa
intlupheko,
yinkqubo
yokubonelela
uluntu
ngezentlalo-ntle

uRhulumente uceba ukwakha izindlu eziyi- 409 143 kuleminyaka mithathu izayo esakhela ezontsapho zinomvuzo ongaphantsi kwe R3 500. Iziza eziyi- 244 699 ziyakuthi ziqhakamshelaniswe neenkonzo

Kuleminyaka mithathu izayo,
uRhulumente ubeke bucala imali
yokuzisa iiinkonzo zangasese kwiintsapho
ezisemaphandleni eziyi-36 742 kunye
nemali-mboleko yokwakha izindlu
kwiintsapho ezivi-119 223

Ukuvula amathuba emisebenzi yeyona
nto ibalulekileyo ekunciphiseni intlupheko
nokungalingani. uRhulumente uyawandisa
amathuba emisebenzi ngeenkqubo
ezifana ne Expanded Public Works
Programme, ingxowa yokwenza imisebenza
(Jobs Fund) nengxowa yokupuhhlisa
izakhono (Skills Development Fund).

AMAGQABANTSHINTSHI KWEZOQOQOSHO

- Uqoqosho loMzantsi Afrika luyakhula kodwa ngezinga eliphantsi kunangaphambili. Ngo-2013, kulindeleke ukuba lukhule ngeepesenti iziyi-2.7 ze lunyukele ku-3.5 pesenti ngo-2014 ukuya ku-3.8 wepesenti ngo-2015.
 - Izinga lokukhula koqoqosho luxhomekeke kwindlela apho oosomashishini babucala bayokuthi batyale ngayo imali kunye nokuthengisela amanye amazwe.
 - Izambiwa zizo ezingundoqo kuqoqosho lweli:
 - Imigodi yeyona ihlawula irhafu ethe xhaxhe kunye nengeniso esuka kwintengiso yezimbiwa kumazwe angaphandle kweli;
 - Ikwayimigodi ethi ipuhhlise uqoqosho yandise namathuba nemisebenzi kwezinye;
 - Ezemveliso zikwabaluleke ukukhuliseni uqoqosho nokupuhhlisa kodwa namanye amasebe oqoqosho aya ebaluleka nangaphezulu kunakuqala.
 - Kulindeleke ukuba izinga lokuvuleka kwamathuba emisebenzi lehle kuleminyaka mithathu izayo, nto leyo eyakuxhomekeka kumashishini abucala lawo aqeshe u-77 pesenti wabantu abaphangelayo.
 - Phantse abantu aba yi-4.5 miliyoni boMzantsi Afrika abaphangeli.
 - Ugwayimbo kunye nokunyuka kwemivuzo okungaphaya kwenza iimeko yezemisebenzi ibenkenenkene.
 - Intswela-ngqesho ixhaphake kakhulu elutsheni.
 - URhulumente usaphanda iindlela ngeendlela angathi akhuthaze ngazo ukujeshwa kolutsha kurhulumente pakumashishini abucala

IINKONZO ZEMPILO EZISEMGANGATHWENI

inkonzo zempilo zesiseko zifumaneka mahala kwaye nezo zasesibhedlele ziyafileleka ngokomvuzo womntu. Abantwana abangaphantsi kweminyaka emi-6, abakhulelwyo nabo bafumana indodla.

Uhlahlo-lwabiwo mali luka 2013 lomeleza ezonkqubo zijoliswe ukuthinteleni nokulwa i-HIV/Aids, kanye nesifo sephepha (TB)

- nesifo sephepha.
- IZiko Lophando Kwezamachiza (Medical Research Council) lizakufumana i-R440 miliyonu kuleminyaka mithathu izayo ukuze lipuhlise ezophando kweli ziko ze liphindie lixhase nezinye iinkqubo elizenza nogxa balo kwezophuhliso.
- Kule minyaka mithathu ezayo, amaphondo azakwabelana ngesixa-mali i-R29.5 bhiliyonu ukwakha nokuphuhlisa izibonelelo ezelulutho kwinkonzo zempilo kwizibhedlele ezincinci nezamaphondo eziquka Edendale neNatalspruit Hospital, Ekurhuleni.
- Isebe Lezempilo lizakusebenzisa iR5 bhiliyonu kwiinkonzo zempilo zesiseko, iR3.2 bhiliyonu yalo mali izakusetyenziswa eziklinikini.

Uhlahlo-lwabiwo mali luka 2013 lomeleza ezonkqubo zijoliswe ukuthinteleni nokulwa i-HIV/Aids, kanye nesifo sephepha (TB)



U-ELSI UYAZIPHILELA NJE KAKHLE NOGAWULAYO

Ilicham ku**ELSI BOGATSWE** into yokuba usadla amazimba. Wasuleleka ngo-1988 yintsholongwane kagawulayo, abantu bamngcikiva ngoba bengasiqondisi esi sifo. Impilo yakhe yabankene-nkene kakhulu ngo-1994, wathi esiya esibhedlele wabe sele eleli ngendlu. "Inyawo zam zazingcangcazela, ndandibhityile, ubuso bam buxwebile, umlomo

umnyama. Ndandisoyika, ndinentloni, ndicinga ukuba 'ndizakufa, abantwana bam bakuba yintoni'. uElsie wachitha iinyanga ezintathu esibhedlele waba engcono kakhulu ukukhutshwa kwakhe. "Ndandiziva ngcono kakhulu, ndijongeka," utsho. "Ndazixeleta ukuba khona ngoku, kufanele ndenze yonke into ngokulgileyo ngoba ndinikwe icham. Ndaxeleta usapho lwam ukuba

ndinesifo sikagawulayo." Ngo2005, intsholongwane yawongamela umzimba wam, i-CD4 yam yehla kakhulu ndaqala ukufumana amachiza okulwa ugawulayo. Njengesigulana esingalaliyo sase Charlottle Maxeke, uElsie uya ekliniki kagawulayo qho emva kwenyanga ezintandathu ukubona ugirha alande namayeza. "Andiqondi ukuba abahlawuli-rhafu

bayayazi indlela abancedana nabantu abafana nam," utsho. "Banceda mna kanye nabanye abaninzi. Siyabulela kakhulu ngokuthi nisinde – ningasishiyi njeku sife."




IPHUMA PHI LE MALI?

IZAKUSETYENZISWA NJANI?

| INGENISO YERHAFU | 2013/14 | % |
|--|----------------|------------|
| Irhafu yabaphangelayo | 306 188 | 34 |
| Irhafu yempahlha ethengiswa ngaphakathi kwelizwe | 31 265 | 3 |
| Irhafu yamashishini | 169 830 | 19 |
| Irhafu yezinto ezsuka kwamanye amazwe | 41 340 | 5 |
| Irhafu yentengiso | 242 990 | 27 |
| Irhafu yamafuth' emoto | 44 970 | 5 |
| Ezinye iirhafu | 61 421 | 7 |
| SEKUDITYANISWE KONKE | 898 004 | 100 |

URhulumente ufumana uninzi lwemali kwirhafu, ingeniso yamasebe ngamasebe kaRhulumente kanye nakwimali-mboleko. Imali yonke kaRhulumente iya kungxowa-nkulu iNational Revenue Fund. Imali engange-R1.1 triliyonu ezakusetyenziswa ngo 2013/14 izakuphuma kwirhafu engange-R985.7 bhiliyonu ngexa imali engange-R163.7 bhiliyonu okanye 4.6 pesenti isuka kwimali-mboleko. Ngonyaka ka-2015/16, ityala likaRhulumente lizakufika ku-R1.9 triliyonu, ze libuye lizinze kwaye lehle kwiminyaka elandelayo. URhulumente uyabubona ubungozi bokungena ematyaleni angaka. Yivo lonto imali engange-R52.1 bhiliyonu ijoliswe kwinkqubo ezifana nezemfundo, ezempilo, izibonelelo ezelulutho kanye nolwakhiwo lwemisebenzi.




2013

INKUKACHA NGOHLAHLO- LWABIWO MALI

IZIPHAKAMISO ZERHAFU

- Abasebenzi abamkela umvuzo omnye onganganma-R250 000 ngonyaka abazukunyanzeleka ukuba bafake incwadi zabo zerhafu (tax returns) kwa-SARS kulonyaka mali ka-2012/13;
- Amashishini amancinci azokufumana umnyinyiva kwirhafu;
- Umnnyinyiva werhafu ujoliswe kwabo banomvuzo ophantsi abancediswa ngabaqashi ekuthengeni izindlu.
- Irhafu ebuyiselwayo kwiintlawulo yezonyango inyusiwe;
- Ukulinganiswa kwerhafu yemali eyongelwe umhlala-phantsi;
- Irhafu ebuyiselwayo kumashishini amise kwindawo eziphawulelw uqoqosho (Special Economic Zones);
- Uchatha kwirhafu ejoliswe kwizithuthi ezikhupha umsi ongcolileyo (carbon emissions);
- Umnnyinyiva werhafu kubaqeshi abanika amathuba emisebenzi kwabo bangazange basebenza ngaphambili.



INKAM- NKAM

| | 2012/13 | 2013/14 |
|---|---------|---------|
| Eyabantu abadala | 1 200 | 1 260 |
| Eyabantu abadala abanemyaka engaphezu kuka-75 | 1 220 | 1 280 |
| Eyamgorha emfazwe | 1 220 | 1 280 |
| Eyabakhubazekileyo | 1 200 | 1 260 |
| Eyabakhu-lisa abantwana abangengaboo ababo | 770 | 800 |
| Eyabagcina iimbhedlengo | 1 200 | 1 260 |
| Eyabantwana | 280 | 290 |

IRHAFU YECUBA NOTYWALA

Umnnyinge ofunekayo werhafu ukongezwa kule ibekiweyo kwixabiso lomdiliya izakuba ziipesenti ezingama-23, eyebhiya yona izakuba ziipesenti ezingama-35 ze eyegrangqa ibe ziipesenti ezingama-48 xa uthenga ezi ziselo evenkilene. Ezakuthi itsalwe ecubeni irhafu izakuba ngama-52 zeepesenti. Oku kulandelayo kucacisa ngcono lamazinga ajongiweyo erhafu kwiziselo ezinxilisayo nasecubebeni:

| | | |
|--|------------------------|--|
| | Ibhiya | - izakwenyuka nge-7.5c ukuya kutsho kwi-R1.08 inkonxa engange-340ml |
| | Umdiliya olihluziweyo | - izakwenyuka nge-19.5c ibhotile engange-750ml |
| | Umdiliya ongahluzwanga | - izakwenyuka nge-15c ibhotile engange-750ml |
| | Umdiliya ohlwahlwazayo | - izokwenyuka nge-56c ibhotile engange-750ml |
| | Utywala beziqhamo | - benyuke nge- R7.3 inkonxa engange-330ml |
| | Igrangqa | - izakwenyuka nge-R3.60 ukuya kutsho kwi-R39.60 ibhotile engange-750ml |
| | Icuba | - izakwenyuka nge-60c ukuya kutsho kwi-R10.92 ipakethe yemidiza |
| | Icuba lenqawa | - lizakwenyuka nge-32c ukuya kutsho kwi-R3.54 i-25gram |

IRHAFU YOKUNAKEKELWA KWENDALO IYENUKA

| | | |
|--|-----------------------------------|--|
| | Irhafu yamafutha emoto | - irhafu yemaftuha emoto inyuka ngeesenti ezi 15 iytsho ku R2.13, leyo iya kwi Road Accident Fund inyuka ngeesenti eziyi-8 ngelitha iytsho ku 96c |
| | Irhafu yeeplastiki | - irhafu yeplastiki ikhuthaze abathengi ukuba bangazisebenzisi kakhulu. Le rhafu izakonyuka ngeesenti eziyi-4 isuka ku 3c ukuqala kuka Tshazimpunzi ngo-2013 |
| | Irhafu yezikhanyisi ezidla umbane | - ukuze kongeke umbane, uRhulumente utha waqala ukurhafisa izikhanyisi eziwuchithayo umbani. Le rhafu izakonyoka iye ku R4 isuka ku R3 ngesikhanyisi ukuqala kuka Tshazimpunzi ngo-2013 |
| | Irhafu yezithuthi eziqhumiwayo | - irhafu yezithuthi eziqhuma kakhulu, eyenzelwe ukukhuthaza abaqhubi ukuba bathenge iimoto ezingaqhumyo izakonyuka ukuqala kwinyanga ka Tshazimpunzi 2013. Eyemoto ezincinci iyakonyuka iyaku R90 gCO2/km isuka ku R75, lo gama eyeveni iyakuba ngu R125 gCO2/km isuka ku R100 |

IRHAFU KUBUXHAKAXHAKA BOMBANE, OBUTHENGWA KWAMANYE AMAZWE

| | | |
|--|---|--|
| | Irhafu ezimpahleni zombane ezisuka emazweni angaphandle | - Urhulumente uphakamisa umba wokuba onke amashishini aphesheya athengisa incwadi zocingo, umculo kunye nazo zonke izinto zombane kuMzantsi Afrika zibhalisele irhafu yothehengisa. Lomba uzochazwa kumhla ongekamiswa. Lomba uzokwehlisa izinga lokhuphiswano lamashishini aphesheya analo ukudlula awalapha eMzantsi Afrika. |
|--|---|--|



GCS

UMNYINYIVA WERHAFU KWABA- PHANGELAYO

Umnnyinyiva werhafu wabo baPhangelayo ungange R7 bhiliyon. Linyusiwe izinga lomvuzo elo athi umntu akufikele kulo anyanzeleke ukuba abhatale irhafu ngoluhlobo:

| | |
|--------------------------------------|-----------------------------|
| Unyaka werhafu | 1 Kwindla 2013 ukuya kutsho |
| 1 Kwindla 2012 kuya ku 28 Mduba 2014 | 28 Mduba 2014 |
| Abangaphantsi kweminyaka eyi- 65 | R67 111 |
| Abane-65 - 74 | R104 611 |
| Abane-75 nangaphezulu | R117 111 |

Umnnyinyiva werhafu yomntu ngamnye inyuka ngokulandelayo:

| Unyaka werhafu → | 1 Kwindla 2012 kuya ku 28 Mduba 2013 | 1 Kwindla 2013 kuya ku 28 Mduba 2013 |
|--|--------------------------------------|--------------------------------------|
| Isigxina sabantu bonke | R11 440 | R12 080 |
| Eyisingezelelo kwaba no-65 - 74 | R6 390 | R6 750 |
| Eyisingezelelo kwaba-75 weminyaka nangaphezulu | R2 130 | R2 250 |

ISIBONELELO SERHAFU SAMALUNGA OMASIBAMBISANE BEZEMPILLO (medical aid schemes)

Ilungu likamasibambisane wezempiro lizothola isobonelelo esinguR242 njalo ngenyanga (sisuka kuR230) ngabantu ababini bokujala abazuyayo (beneficiaries) ngobulunga bakamasibambisane. Ngaphezulu kwabo ababini bokujala, ilungu liyophinde libonelelo we nge-R162 ngenyanga (inani elisuka kuR154) ngawo wonke omunye umuntu ozuzayo ngobulungu balo. Lolutshintsho luzosebenza kunya werhafu oqala nge-1 Kwindla 2013, uphele nge-28 Mduba 2014.

INGABA LIBELULUTHO NA ELIPHEPHANDABA ?
SMS Ewe okanye Hayi ku 4112
iSMS nganye ibiza i50c

GCS